basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## FEBRUWARI/MATSHI 2015

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 Iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 imizuzu |
| ICANDELO B: | 30 imizuzu |
| ICANDELO C: | 40 imizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

**UNGAZE UNCAME!**

1. Abantu abaphumelelayo ebomini ngabo bangancamiyo. Impumelelo yakho iya kulinganiselwa ngokwemiqobo oyitsibe ixabe endleleni yakho. Abantu esibabona benempumelelo abazange bahambe lula, bengazange bancame nangona zazininzi izinto ezixabe endleleni yabo eya empumelelweni.

2. Zinike ixesha kwaye uzinikele kwinto oyenzayo, uya kuvuna iziqhamo ezihle kuyo. Ndinomthetho endiwubiza ngokuba, 'nguMthetho weSivuno'. Xa ulime iitapile uze uzihlakulele, ziya kuthabatha ixesha phambi kokuba zivuthwe, kodwa uya kuvuna iitapile ezintle zakuvuthwa. Akukhathaliseki nokuba ungubani, xa izinto uzenza ngendlela, uya kufumana iziphumo ezihle ebomini. Kufuneka usoloko uzama ukuphumeza loo nto uyifunayo. Ukungancami kuko okwenza umahluko phakathi kokoyisakala nokuphumelela.

3. Enye yezinto ezenza abantu banikezele msinya kukuzithelekisa nabanye abantu becinga ukuba baphumelele lula. Oko, kungabubuyatha ngenxa yezizathu ezibini: Esokuqala, awuzazi iinkcukacha zobomi bomnye umntu ngaphandle kwezobakho. Abantu ocinga ukuba baphumelela lula kungenzeka bajongana neengxaki ezingaphezulu kwezakho. Kaloku awunazo iinkcukacha ezaneleyo ezingakwenza uzithelekise nomnye umntu! Esesibini, bonke abantu baneenjongo ezahlukeneyo ebomini, ngoko akufanelanga ukuba uzame ukukopa ubomi bomnye umntu. Ukulinganisa omnye umntu kuyakudodobalisa.

4. Enye into ebalulekileyo ukuze uphumelele, kukungatyhafi kwinto oyifunayo nokuba uzibona ungaqhubeli phambili. Umzekelo, abantu abaqala amashishini baba nomdla kakhulu ekuqaleni. Bawavula kwangoko baze bawavale kade amashishini abo, kodwa bayoyiswa kukulugcina olo dlamko ixesha elide. Bayanikezela bakubona izinto zihamba **ngonyawo lonwabu**. Yiloo nto kuphumelela ishishini elinye kwalishumi. Khuthala ngokuphindwe kalishumi ukuze uphumelele. Yiba nomonde yaye uzingise xa izinto zibonakala zingakuhambeli kakuhle.

5. Ngaphezu koko, ukukholelwa kubuvuvu bokuba ixesha lokuphumelela selikushiyile kukwenza uzibone ngokungathi udlale ngexesha. Inkoliso yabantu bayakhawuleza ukubona into abayenzayo ingaphumeleli bade banikezele. Umthi ongewuwutyale eminyakeni engama-20 edlulileyo, usengawutyala nangoku. Nokuba uzibona ufekethe ngexesha waphoswa nangamathuba, usengaqala nangoku. Tshintsha indlela owenza ngayo xa kukho imfuneko, kodwa unganikezeli. Usenokuba nezinto ezikutyhafisayo kwaye uziva udiniwe kodwa musa ukunikezela. Nkqu noThixo angakunceda! Izinto ezikwenza uphumelele zifika xa kanye izinto zingakuhambeli kakuhle ebomini! Xa uphinda ufikelwa yingcingane yokuncama, yikhabe ngelithi: 'Andisokuze ndincame'.

6. Kwakhona, nantoni na enexabiso ayenzeki ngephanyazo. Kuthabatha ixesha ukwakha umsebenzi omhle, ishishini okanye umtshato. Yiloo nto inkoliso yoosozigidi beneminyaka ekuma-61! Awuzazi ukuba sele ukufutshane kangakanani nempumelelo. Eny'ingqondi yathi: 'Xa uzimisele ukuma ubomi bakho bonke, awunakuma ixesha elide'. Maxa wambi ebomini, amaxesha amahle namabi afika ngexesha elinye. Lo gama ezinye izinto zisebenza, ezinye azisebenzi. Ngelinye ixesha abantu bayancama emva kwempumelelo enkulu kwicala elithile lobomi babo, ukanti maxa wambi bancama emva kokoyisakala kakhulu. Inyaniso kukuba impumelelo ikwayindlela yokufunda ukoyisakala kakuhle.

7. Kubalulekile ukuzinika ithuba lokuthabatha amanyathelo okuphumelela, umzekelo kukhuphiswano lweetalente. Zixhaphakile ngoku iinkqubo ezizingela italente kwaye kukho phantse zonke iitalente zakhe nawuphi na umntu, ngenxa yoku umel'ukuba uthi 'Mhlawumbi nam ndingaphumelela!' Iphupha lakho lisenokufezekiswa. Uthi xa ubona abantu bengenela ukhuphiswano uthi: 'Ingaba mna ndinganakho?' Kaloku awunakulifumana ithuba xa ungaqali ngokungenela! Ungoyiki, utyhafiswe nangabantu. Thatha isigqibo ngokwakho ukuze ufezekise iphupha lakho.

8. Ukuze uphumelele kufuneka uzinikele kwaye uzinze engqondweni, ungavumeli iingxaki zikutyhafise. Ukudinwa, uloyiko, noxinzelelo lwengqondo ezi zinto ziza kukubetha, kodwa wena cinga ngebhaso oza kulifumana.

[Sicatshulwe kwi*Bona* kaFebruwari 2009 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Kukuthini 'ukuxaba endleleni' ngokwalo mhlathi? (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.2 Kuwuncedisa njani umyalezo wokusebenzela impumelelo ukufakwa komzekelo weetapile? (1)

1.1.3 Xela nayiphi into athi umbhali ingakufumanisa iziphumo ezihle. (1)

1.1.4 Chonga isivakalisi esisetyenziselwe ukukukhuthaza ukuba ungancami? (1)

1.1.5 Umthetho wesivuno ungakunceda njani wena kobakho ubomi? (2)

Jonga kumhlathi 3

1.1.6 Nika izizathu EZIBINI ezibonisa ukuba 'ingabubuyatha ukuzithelekisa nabanye abantu'. (2)

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo.

Igama 'kuyakudodobalisa' lithetha ukuba:

A Kukukhuthaza kakhulu.
B Kukutsalela emva.
C Kukuhlala phantsi.
D Kukuyeka ukuhamba. (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.8 Xela izinto zibe NTATHU ezibalulekileyo ukuze uphumelele ngokwalo mhlathi? (3)

1.1.9 Yintoni ebonisa ukuba umdla wabantu abaqala amashishini uyaphela? (1)

1.1.10 (a) Xela udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili. (1)

(b) Cacisa intsingiselo yaso. (1)

Jonga kumhlathi 5

1.1.11 Yintoni eyenza umntu azibone ngathi udlale ngexesha? (1)

1.1.12 Kukuthini 'ukufeketha ngexesha?' (1)

1.1.13 Ngawaphi amazwi akhuthaza ukuba ungancami ngokuthembisa ngoncedo oluvela ngasentla kulo mhlathi? (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.14 Chonga ibinzana elibonisa ukuba kuyakwazi ukwenzeka izinto ezimbini ezahlukileyo ebomini bomntu ngexesha elinye. (1)

Jonga kumhlathi 7


1.1.15 Kukunceda ngantoni ukuzazi ukuba nawe ungaphumelela? (2)

Jonga kwitekisi yonke

1.1.16 Ingaba le tekisi ikwazile ukutshintsha indlela ocinga ngayo ngempumelelo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

1.2 **OKUBONWAYO**

Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ithathwe kuwww.findlaycartoons.com yaze yahlelwa]

1.2.1 Ishicilelwe nini le khathuni? (1)

1.2.2 Umntu osemnyango udlulisa wuphi umyalezo ngeli khadi aliphetheyo? (1)

1.2.3 Xela izinto EZIMBINI ezibonakalisa ukuba lo mntu uvele emnyango akasonwabelanga esi sibini sifikayo. (2)

1.2.4 Ngokwale khathuni ngoobani abangamkelekanga kwiqela lebhola iBafana Bafana? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele uveze izinto omawuzenze xa ucinga ukuba uhlangana namapolisa omgunyathi. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-60 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

**ONOKUKWENZA XA UCINGA UKUBA UHLANGANA NAMAPOLISA OMGUNYATHI**

Umthetho ucace gca - ukungemi xa umiswa ngamapolisa okanye amagosa endlela kukophula umthetho. Siyazi ukuba izaphuli-mthetho ziyawazi lo mthetho. Zininzi iziganeko eziphuma emaphepheni ezimalunga nezikrelemnqa ezizenza amapolisa okanye amagosa endlela. IKhopholotyeni yezoLawulo nobuLungisa bezeNdlela neProjekthi yoMzantsi Afrika ziqulunqe iingcebiso ngokunokwenziwa ngabaqhubi xa bekrokrela ukuba bemiswa ngamapolisa omgunyathi.

Kufuneka ungothuki. Qhuba kancinci ungedluli kwisantya esingama-40 eekhilomitha ngeyure, ulayite iihazadi. Khupha ingalo yokunene ngefesitile uwakhombise ngayo ukuba mawakulandele, kwenze oko ukuphindaphinda. Ngqala kwisikhululo samapolisa esikufuphi nawe okanye uye kwindawo eneekhamera enjengegaraji yokutha ipetroli.

Ungayi kwikhaya lakho, okanye labahlobo kuba oko kungabeka ubomi babantu abaninzi emngciphekweni.

Fowunela ku-10111 uxele ukuba kukho imoto ekulandelayo. Xa ungaqinisekanga ngesikhululo samapolisa esikufutshane okanye ngendawo eneekhamera buza kuloo mntu ukuphendulayo. Xa unako chaza inombolo yemoto ekulandelayo ukuze yaziwe ukuba yeyamapolisa okanye yeyootsotsi.

Wakufika kwisikhululo samapolisa khalisa ixilongo (hutari) kakhulu kude kuphume ipolisa eliza kukunceda. Hlala ngaphakathi emotweni ungayicimi i-injini, imoto ihlale isegiyeni neefesitile ungazivuli de kufike ipolisa.

Lakufika ipolisa kunye nelo belikulandela sebenzisana nawo ngokupheleleyo. Xela isizathu sokuba uthathe loo manyathelo.

Xa uye waya egaraji misa ungqamane neekhamera. Sebenzisana kakuhle nepolisa elo belikulandela ulixelele isizathu sokungemisi. Ukuba ipolisa linomsindo sukuba nomsindo.

Zigade ungenzi zenzo zobundlobongela, njengokuphikisana nepolisa elo. Hlala upholile unembeko ucacise ukuba ubucinga ukuba umiswa lipolisa elingelilo. NgokweKhopholotyeni yezoLawulo nobuLungisa bezeNdlela neProjekthi yoMzantsi Afrika mkhulu umahluko phakathi kokubaleka abomthetho nokubalekela ukhuseleko. Amapolisa nabaqhubi mabakwamkele oku kuba kunceda kukhuseleko loluntu.

[Sithathwe kwiMotoring: Thursday November 7 2013, saze sahlelwa.]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO – NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**YIZO YIZO RESTYU**

**Bonke abantu bamkelekile**
**Kumuncis'iintupha**
**Kuvuzis'izinkcwe**

Thenga eyona pleyiti ifikelelekayo yokutya, uzizuzele ibhotile yesiselo mahala-a!

**PHI:** **78 Jwara Street, Orlando**
**Umnxeba:** **0825927789**
**Kuvulwa :** **07h00 kusasa**
**Kuvalwe:** **22h00 ngokuhlwa**

**Siphekela abantu abangenaxesha lokupheka.**
**Sibonelela ipokotho nesisu sakho.**

*INDAWO OMELE UKUBA KUYO!*

3.1 Xela ukuba kuthengiswa ntoni kule restyu. (1)

3.2 Esi sibhengezo-ntengiso sijoliswe kwabaphi abantu? (1)

3.3 Sithini isilogani sesi sibhengezo? (1)

3.4 Kutheni umthengisi esebenzise la magama, 'kumuncis'iintupha', 'kuvuzis'izinkcwe'? (1)

3.5 Igama, 'eyona' lisetyenziswe ngayiphi injongo kwesi sivakalisi singezantsi?

Thenga eyona pleyiti ifikelelekayo yokutya. (2)

3.6 Nika isizathu sokubhalwa kwedilesi nenombolo yomnxeba kwesi sibhengezo? (1)

3.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Xa umthengisi esithi: Uzizuzele ibhotile yesiselo mahala-a!, usebenzise ulwimi ...

A Oluqhathayo.

B Oluqulethe ingcinga ebethelelekileyo.

C Olugweba phambi kokuba uve.


D Olucalanye. (1)

3.8 Ucinga ukuba kuyimfuneko ukuba iSebe lezeMpilo likhuphe isilumkiso malunga neengozi zokuthenga ukutya okuvuthiweyo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
**[10]**

**UMBUZO 4**

**IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ithathwe kwi- www.madamandeve.co.za yahlelwa]

4.1 Chonga igama lemboleko elisisibizi kwisakhelo soku-1. (1)

4.2 Kwisakhelo soku-1, ungqinelana njani umyalelo wesandla sikaMary kunye namazwi akhe awabhekisa kuMem? (2)

4.3 Xa ujonge kwisakhelo sesi-3, umzobi wekhathuni unaluvo luni ngoku kubhatala? (2)

4.4 Lungisa amazwi kaMem akwisakhelo sesi-3 abhaleke ngesiXhosa esamkelekileyo. (2)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo.

Injongo yomzobi wale khathuni ngale nto yokubhatalisa uMem ngokuhamba nje:

A Kukuhlekisa ngentlalo phakathi koMem noMary.

B Kukukhathaza uMem angafumani iti.

C Kukukhalaza ngokukorobha kukaMary.

D Kukuphoxa uMary kumsebenzi wakhe. (1)

4.6 Isikhuzo u 'Owu!' esikwisakhelo sesi-3 sivelisa ukuba ucinga ntoni ngale mali uMem? (1)

4.7 Bhala isithethantonye segama 'bhatala' kwisakhelo sesi-2. (1)
**[10]**

**UMBUZO 5**

**IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UKUTYA OKUNEMPILO**

<u>Yitya</u> ukutya okunempilo yonke imihla. Kubalulekile ukuyijonga idayethi yakho. Izigulo ezininzi zibangelwa kukutya ukutya okungalunganga njengeswekile eninzi, amafutha nestatshi njalo njalo. **Umntu ngamnye unohlobo lwedayethi olufanele yena**. Kubalulekile ukuba wazi okona kutya kukulungeleyo. Abezempilo kunye neenzululwazi bangakunceda bakucebise ngedayethi ekulungeleyo.

Liyinyaniso lona elithi uyile nto uyityayo. Xa usitya nokuba yintoni na umzimba wakho awubi sempilweni. Uyatyeba, udinwe, ube nezigulo ezifana neswekile, uxinzelelo lwegazi nezinye. Impazamo esiyenzayo rhoqo kukugxininisa kwingqondo ephilileyo kunomzimba ophilileyo. Kubalulekile ukunyamekela zombini, ingqondo nomzimba ophilileyo. Yenza imithambo kathathu ngeveki ubuncinci. Xa unakho thabatha inxaxheba kwezemidlalo kuba oko kunegalelo elikhulu ekuphumleni. Yindlela echanekileyo yokususa ingqondo yakho emsebenzini wesikolo okwethutyana, nanjengoko sekusondele ukubhalwa kweemviwo zokuphela konyaka.

Sela amanzi kangangeelitha ezimbini ngemini. Yitya ukutya okunezakhamzimba njengeziqhamo nemifuno.

[Sithathwe kwimagazini iBona, Julayi 2010]

5.1.1 Igama elikrwelelweyo lisebenze msebenzi mni? (1)

5.1.2 Fakela isimamva u-'ana' kwesi sibizo, 'ukutya' uxele nentsingiselo efumanekayo kulo. (2)

5.1.3 Chonga igama lemboleko kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili uze uxele nolwimi elibolekwe kulo. (2)

5.1.4 Guqula isibizo esinomgca ngaphantsi sibe kwisinye:

Izigulo zibangelwa kukutya ukutya okungalunganga. (1)

5.1.5 Gqibezela le ntetho.

Ingqondo ephaphileyo ku ... ophilileyo. (1)

5.1.6 Sebenzisa igama elikwizibiyeli wakhe isivakalisi esinye.

Thabatha inxaxheba kwezemidlalo. Oko kunegalelo elikhulu ekuphumleni. (kuba) (1)

5.1.7 Sebenzisa igama iziqhamo kwizivakalisi ezibini kuze kuphuhle iintsingiselo ezahlukeneyo. (2)

5.1.8 Bhala igama elinomgca ngaphantsi libe kwimo elandulayo.

Ukutya kakhulu kuyatyebisa. (1)

5.1.9 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca:

Uyatyeba, udinwe, ube nezigulo ezifana neswekile, uxinzelelo lwegazi nezinye. (1)

5.1.10 Kwizivakalisi ezingezantsi xela ukuba amagama abhalwe ngqindilili azeziphi izigaba zentetho.

(a) Kulungile ukuyijonga idayethi **yakho**. (1)

(b) Kubalulekile ukuba wazi **okona** kutya kukulungeleyo. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Uthathwe kwi- www.google.co.za waze wahlelwa]

5.2.1 Lungisa iziphene kweli binzana:

Nceda ngokuntya. (1)

5.2.2 Chonga izivakalisi ezibini ezibonisa ukuba lo mfanekiso usisihlekiso. (2)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo.

Inkwenkwe icela amalizo esitalatweni. (1)

5.2.4 Khetha isafobe esikwesi sivakalisi singezantsi uxele nodidi lwaso.

Le lori igqibe indlela yonke ngobukhulu bayo. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**